NASIONALE WOLKWEKERSVERENIGING VAN SUID-AFRIKA
NATIONAL WOOL GROWERS' ASSOCIATION OF SOUTH AFRICA

# UNGCOLISEKO LOBOYA (WOOL CONTAMINATION)

NWGA Production Advisor, **Phumlani Sawula** (Region 24)

**078 810 9452**/ email: phumlani.piras@gmail.com

---

Why should we keep our wool clean or free of contamination i.e.: paint, bailing twines, poly propolyne, kemp, black fibres and any foreign objects that do not belong on wool?

njengoko sisazi ukuba ixesha lokuchetywa kweeGusha zethu singamafama selifikile kubalulekile okokuba sizithathele ingqaleko izinto ezinokuthi zenze ungcoliseko kuboya bethu nanjengoko zingunobangela wokuhla komgangatho woboya bethu kwakunye nexabiso esithi sithengise ngalo uboya emarikeni. Uboya obungcolileyo benza abathengi boboya bathandabuze ukuthenga oboboya buthe bachaphazeleka lungcoliseko nanjengoko befumana isohlwayo esiqatha xa kuthe kwenzeka kufumaneke ungcoliseko eboyeni obusuka emzatsi afrika buyokuthengiswa kumazwe angapesheya.

Ziliqela izinto ezibangela ungcoliseko kuboya bamafama nanjengoko sisazi ukuba awona mafama aye achaphazele kakhulu kolungcoliseko ngamafama afuyele emaphandleni, xandinokubalula nje izinto ezithile ezihamba phambili, yipaint neyona ingumceli mngeni kakhulu kuba ilitsho ixabiso loboya lihle ngeyona ndlela nanje ngoko kubanzima ukuthi ihlambeke, kuyilonto ke siye sicebise amafama ukuba angasebenzisi ipaint ukuzama ukuphawula iigusha zabo, xa sele kwenzekile ukuba uphawule ngepaint okanye umakishe ngayo kubalulekile okokuba uyichebe ngaphambi kokuba umfama ayokucheba eshedini. Kolunye ungcoliseko ndingabalula iintambo zokubopha amabhali elurcen (bailing twines), imisonto yeengxowa (polypropolyne) zezinye zezinto ezibangela ungcoliseko nezigatywa kakhulu

ngabathengi boboya kuba kaloku zibanga umonakalo omkhulu kwiimatshini ezithi zihlambe uboya obuthengiswa kwiimarike zoboya.  Zizonke ke ezizinto sele ndizikhankanyile apha ngasentla zehlisa umgangatho woboya bethu kwakunye nexabiso lentengiso yoboya bethu.

Okunye okulandelayo mafama kubaluleki ukuba sazi  igusha yoboya ayibhuqisi ntoleyo ethetha ukuba masizame ngandlela zonke ukungazifaki iigusha emasimini nasezigadini ukunqanda olungcoliseko nanjengoko sisazi okokuba uboya begusha kulula ukuthatha utshungu (burr/ devel thorn) umhlabangubo (black jack) kwakunye nezinye ezinto ezilukhula. Nazo ke ezizinto zikwangunobangela wokuthoba ixabiso loboya emarikeni kwakunye nomngangatho woboya.

Ukuhlelwa koboya kubalulekile ngeyona ndlela kuqoqosho nakwimveliso yabo, kungoko kubalulekile ukuhlelwa kwegusha ezinorholofu kwiigusha ezinoboya obusemgangathweni kuba kaloku ixabiso loboya oburholofu lingaphantsi kwixabiso loboya obusemgangathweni, kungoko siye sicebise amafama ukuba iigusha ezinorholofu zichetywe mva ukunqanda ungcoliseko, kunqwa neegusha ezinoboya obumnyama kunyanzelekile ukuba ungabuhlanganisi uboya bazo kwakunye noboya obusemgangathweni nto leyo iyakukunika ixabiso lemali ethe xaxe xa uthe wahlela ngendlela efanelekileyo. Sisathetha ngorholofu njalo kubalulekile okokuba izinja singazivumeli ngaphakathi kwindlu yokuchebela kungenjalo siyakufumana larholofu simbiza ngokuba (floating kemp) nto leyo iyakuthetha ukuba obo boya bekungafanelekanga ukuba bunaye lorholofu. Olunye ungcoliseko endinqwenela ukuba amafama aluthathele ingqaleko lungcoliseko loboya ngumhlaba nengca, olu ke ungcoliseko lubangelwa kukuchebela phandle ngengxa yokungabina zindlu zokuchebela.

Okokugqibela kubalulekile ukuba izixhobo esithi sizisebenzise xa sihlohla uboya sizinike ingqwalasela nanjengoko ziye zifumaneke kwiimarike zentengiso zoboya, nezithi zenze kwa olungcolise nezibangela ukwehla kwexabiso loboya, nanje ngoko besele nditshilo ekuqaleni kwalembalelwano ukuthi akukho nanye into efunekayo eboyeni ngaphandle koboya.

CAPE WOOLS SA

NWKV NWGA

*The National Woolgrowers' Association of SA (NWGA) offers a production advisory service to all wool producers on contract with Cape Wools SA (CWSA), funded by the Wool Trust.*